**IMIYALELO EYA KUBAFUNDI**

## IMIYALELO

1. Abafundi kulindeleke ukuba baphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo ngalinye.

2. ICandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, uze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo elo.

3. Bhala cacileyo nacocekileyo, ucwangcise kakuhle umsebenzi wakho.

4. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nolwakhiwo lwezivakalisi.

5. UBUDE BEEMPENDULO:

   ICANDELO A: IsiNcoko – Bhala isincoko esingama-190 – 240 amagama (iphepha elinye).
   ICANDELO B: ImiHlathana emide – Bhala ama -80 – 100 amagama (isiqingatha sephepha)
   ICANDELO C: ImiHlathana emifutshane – Bhala ama- 60 – 80 amagama (isiqingatha sephepha).

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE esiva wena kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-190 ukuya kuma-240.

1.1 Wafumana ilishwa lokulimala ngokwengqondo, ngomphefumlo nangokomzimba umsulwa, wahlala iminyaka evisayo entolongweni uthothoza kwesimnyama ngenxa yempazamo yomnye umntu. Namhlanje ubuyile kodwa awusenabazali. **Khawubalise** indlela owawuvakalelwa ngayo nokwakuqhubeka engqondweni yakho kusukela ubanjwa de kube yimini owaphuma ngayo kumasango entolongo. **[50]**

**OKANYE**

1.2 Ukunqongophala kwemisebenzi eMzantsi Afrika kungomnye wemiqobo etyhefa impumelelo yolutsha lwakugqiba esikolweni. Wena ke uthe waba ngumfundi ozimisele ukulwa nale ntlungu igqubayo ngokuthi ucele uze uvunyelwe ukuba uqhube uhlobo lorhwebo oluthile kulo nyaka uzayo. Le nxaxheba uceba ukuyidlala iya kuthi incede uMzantsi Afrika ume gomololo kwezorhwebo.



**Chaza** ngokupheleleyo iinjongo nodidi lorhwebo olucebayo nezinto eza kuthi ziwuncede uMzantsi Afrika. **[50]**

**OKANYE**

1.3 Lingxamele ukonyuka inani labantu abangasebenziyo, bengasafumani namathuba lawo omsebenzi. Amehlo sele ebomvu siwajongise ku-2010 apho iza kube iyiMidlalo yeNdebe yeHlabathi yeBhola eKhatywayo ngethemba lokuba iya kusisombululela indlala nentlupheko egqugqisayo kweli. Bhala **uveze** ukuba uyaziqonda iimeko ezikhokelela kwezi ngcingane zahlukeneyo. **Wavelele onke amacala** ubonisa kananjalo ukuba asikuko nokuba nguye wonke ubani oya kuxhamla kule Ndebe izayo ka-2010. **[50]**

**OKANYE**

1.4 Kukude apho sivela khona, abanye baphulukana namathuba okufunda ngenxa yeemeko zelo xesha kodwa idemokhrasi izisa ithemba lokuba abantwana bethu baya kusela kulo mthombo wemfundo nolwazi. **Bhala** utsho ukuba **ucinga** kuba izinga lemfundo nohlobo lwabafundi oluya kuvezwa yile nkqubo emva kweminyaka emihlanu liya kube linjani ngokuvuselelwa ngulo mifanekiso.



**[50]**

**OKANYE**

1.5 Kula maxesha anamhlanje ubomi bethu abunaxabiso kwaye abukhathalelwe. Loo nto ingqinwa kukubona izinto ezimasikizi ezenzeka ebantwini, akunamntu mdala akunamntwana. Abantu babulawa ngendlela emasikizi nengakholelekiyo. URhulumente ume bume ezama ukuvingca amazibuko kodwa noko kunjalo kukho ababona ukuba lo Rhulumente uyoyiswa. Ngokoluvo lwakho, **xoxa** kuvokotheke ubonisa ubunyani bolu luvo, **unike** nesisombululo kule ngxubakaxa ukucebisa nokuncedisana noRhulumente ukulwa ulwaphulo-mthetho. **[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

### UMBUZO 2

Chonga umhlathana omde ube MNYE kuphela. Bhala ama-80 – 100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 Isikolo senu sinenzela itheko lokuthi ndlela-ntle kuni bafundi bebanga leshumi. Sithe ke sanikhupha sanisa ndaweni ithile yokuzonwabisa enithe nayithanda.

Bhalela umhlobo wakho umbalisela ngako konke ekuthe kwenzeka, umxelele nangendlela oziva ngayo emva kolo tyelelo. **[30]**

**OKANYE**

2.2 Kusetyenziswa amacebo amaninzi ukufikelela kulutsha ngomba wezifo ezinjengogawulayo. Abazali, abefundisi ezinkonzweni, abongikazi bazama kangangoko ukucebisa. Ke namhlanje uceliwe ukuba ube sisithethi uthetha koontangandini, ubaxhobisa ngolwazi oluya kubenza bayithathele ingqalelo into yokujonga impilo yabo. **Bhala** ke loo **ntetho**. **[30]**

**OKANYE**

2.3 Isikolo senu sibe neziphumo ezihle kangangeminyaka emine ilandelelana. Ngokwenkqubo entsha yokufunda eyiNCS nibona kuyimfuneko ukuxhotyiswa ngokwaneleyo ukuze nimelane neemfuno zale nkqubo intsha, khon'ukuze ningehli kwizinga lempumelelo esenikulo. **Bhalela** uMlawuli oyiNtloko wesiThili sakho **umcele** ukuba afake isandla, uyitsho nendlela ofuna ancedise ngayo. **[30]**

**OKANYE**

2.4 Emva kwethuba elide ungasebenzi, uthe wakutsala umnxeba kwii-ofisi zobhalo ncwadi wathenjiswa ngesithuba esiza kuvela. Uxelelwa okokuba ukhawuleze uthumele iSivi yakho. **Bhala** ke iSivi ngendlela eya kuthi ikubeke ethubeni lokuba ubizwe kwi-intavyu yaye uphumelele. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

## UMBUZO 3

Bhala umhlathana ube MNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama ali-60 – 80. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 Niza kufikelwa ziindwendwe ezivela kwamanye amaphondo ngeenjongo zokubonisana ngeendlela zokuphakamisa umgangatho weelwimi nezithethe zakwaNtu. Ninoxanduva lokondla nokuhambisa ezi ndwendwe ukuze zibone iindawo ngeendawo. Yonke le nto ke ifuna ukulungiselelwa ngoko nineveki enye kuphela yokunyusa ingxowa mali eza kuninceda kula malungiselelo.

**Bhala** isingeniso seDayari esibonisa eniza kukwenza kusuku nosuku lwale veki. **[20]**

**OKANYE**

3.2 Zininzi iintlobontlobo zeeselula ezikhoyo nezithengiswayo kodwa le yakho yahlukile kuzo. Xa ungaphoswa yiyo uya kuba uhamba emva kwamaxesha. Thengisa le selula ngendlela eya kuthi itsale umdla kubathengi. **[20]**

**OKANYE**

3.3 Uza kugqiba iminyaka engama-21 kule nyanga. Ubuziphethe kakuhle, abazali bakho bazive bengenakungenzi nto, baceba ukukwenzela itheko lokubhafa. **Bhala icwecwe lesimemo** umeme abahlobo bakho nezihlobo zegazi zize kuvuyisana nawe. Kwisimemo sakho yiveze into yokuba uya kuthanda batsho ukuba baza kuphumelela na okanye hayi. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**

**AMANQAKU EWONKE: 100**